Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo line:

   ICANDELO A: Idrama (40)
   ICANDELO B: Inoveli (40)

2. Phendula imibuzo kwincwadi ENYE oyifundisiweyo (40 amanqaku).

3. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kombuzo ngamnye.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-90
   ICANDELO B: Imizuzu engama-90

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: IDRAMA

**QAPHELA:**

Phendula imibuzo esekwe kwiDrama/kwiNoveli oyifundisiweyo kuphela.
Kwincwadi oyifundisiweyo phendula yoMIBINI imibuzo esekwe kuyo.

### UMBUZO 1: *SAKOHLULWA ZIINDUDUMO* – Isaac Tau

1.1 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

| | |
|---|---|
| BIZZAH: | Musa ukumlibazisa kaloku omnye umntwana. Mna ndikucebisa ukuba umbhalele ileta emchazela indlela oziva ngayo ngaye. Uyikhankanye ke phofu nento yokuba laa mhla nadibanayo waqonda kamva ukuba wenza impazamo enkulu gqithi ebomini bakho. Masibe nethemba lokuba woqonda ukuba kuphele uthando kwelakho icala. |
| NOMHI: | Wethu, musa ukukhawuleza utsho, ndisengxakin' ubonanje. |
| BIZZAH: | Yintoni ngoku leyo Mhimhi? |
| NOMHI: | Ndinzima. |
| BIZZAH: | Ziindaba ezimnandi ezo Mhimhi. Uyabona ke ngoku yinkunzi yesizathu eso sokumphosa kwelokulibala uNzima. Kunjalo nje ungamfihleli ukuze akulibale oku kwakhe. Ingxaki yakho isonjululwe naphakade ke ngoku, soze abe aphinde akukhathaze sele edibana nawe evenkileni. Inene nants' ingxaki izisombulula madoda ilanga lihlabe umhlaba. |
| NOMHI: | Kodwa Bizzah asingoDuke ondenze nzima. |

1.1.1 Xela ukuba uphi uNzima lo kuthethwa ngaye apha kwisicatshulwa nguBizzah noNomhi. (1)

1.1.2 Kwathini ukuze uNomhi akhulelwe umntwana kaNzima? (2)

1.1.3 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uBizzah ebengayazi ukuba uNomhi ukhulelwe umntwana kaNzima. (2)

1.1.4 Wathini uDuke kuNomhi ngokukhulelwa kwakhe umntwana kaNzima? (2)

1.1.5 Xela izinto zibe NTATHU ezibonisa ukuba uNomhi ebemthembile uBizzah. (3)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.1.6 Xela imisebenzi eyenziwa ngaba balinganiswa balandelayo kwiindawo abaphangela kuzo.

(a) UMate

(b) UBizzah (2)

1.1.7 Ingaba uDuke wamamkela nyhani umntwana kaNomhi noNzima? Xhasa impendulo yakho ngolwazi lwebali. (2)

1.1.8 UNomhi ungumlinganiswa ongathembekanga. Nika iingongoma zibe MBINI ezibonisa oku ebalini. (2)

1.1.9 Wasichola phi uSongezile isazisi sikaNzima? (1)

1.1.10 Nika amagama abalinganiswa ABATHATHU abadlala indima ephambili kule drama. (3)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B**

| | |
|---|---|
| VIDO: | Qabane! Uzivil' iindaba. Yima ndikufundele. 'Umtshato obalaseleyo Wonyaka.' UNomhi Masangwana waseTinarha eTolofiyeni utshatile noDumile Mabaso waseKapa lodumo kwimpelaveki edlulileyo. |
| NZIMA: | Ngamabona ndenzile. Iyakwenzeka ndifile loo nto. |
| VIDO: | Uceba ukuthini qabane? |
| NZIMA: | Andikazi okwangoku. |
| VIDO: | Inye indlela yokuzikhulula kule ngxaki qabane. |
| NZIMA: | Yiyiphi qabane? Ndixelele nje wena. Ndingenza nantonina othi mandiyenze. |
| VIDO: | Thatha yonke into uyilahlele kwesinomhlwa. Ngaloo ndlela akukho oya kulimala. |
| NZIMA: | Ndizamile qabane. Ndisalinga nangoku. Ndoyisakele. *(Alile),* Ubungathini wena ukuba ubunokufumana ileta ekumila kunje? |
| VIDO: | Ndinike loo leta ndiyibone. *(UNzima uyayidlulisa ileta. Eyiqwalasele ithuba elide.)* Mfo kabawo, andiboni bunzima mna tu kule nto. Nantsi idilesi uNomhi ukuntluvisile. *(UNzima uyaqala ukukhululeka)* |
| NZIMA: | Uyazi ukuba andikhange ndiyicinge loo nto mfo kabawo. |

1.2.1 Uzifunda phi ezi ndaba zalo mtshato uVido? (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.2.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Intetho kaNzima ethi, 'iya kwenzeka ndifile loo nto', ithetha ukuba ...

A iya kwenzeka esaphila.
B ayisoze yenzeke esaphila.
C iya kwenzeka kade.
D iza kwenzeka ngoku. (1)

1.2.3 Uthi uVido makenze ntoni uNzima ukuzikhulula kwingxaki kaNomhi noDuke? (2)

1.2.4 Wayesithini uNomhi kuNzima kule leta kuthethwa ngayo kwisicatshulwa? (2)

1.2.5 Ibe luncedo njani idilesi ekwileta ebhalwe nguNomhi? (2)

1.2.6 Kutheni uVido embiza qabane uNzima? (2)

1.2.7 Xela izinto ezazikwibhokisana kaNzima yokugcina izinto ezibalulekileyo. (2)

1.2.8 Wathini uDuke xa uNomhi esithi ufuna ukugodusa umntwana wakhe noNzima? (2)

1.2.9 Uyavumelana noDuke xa athi uNomhi akanambulelo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.10 Xela indlela awangena ngayo uNzima kwaDuke xa wayeye kukhangela uNomhi. (2)

1.2.11 Sizalana njani noNzima isihloko sale drama esithi, 'Sakohlulwa ziindudumo'? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 40**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO B: INOVELI

### UMBUZO 2: *NANDIWEZA* – Mbulelo Nzo

2.1 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

UKhanyizire wayesele eziqhelanise noBiggs kuba uLuwanika wayethethe kakuhle ngaye esithi nguye omana ukumcebisa. UBiggs wambalisela ngokunganyaniseki kukaSiso watsho emchazela ngazo zonke izinto ezenzekileyo wada waza kuthi ga kwesi siganeko sokugqibela. Wamxelela nangale yencwadi edukileyo phofu into awayeyibabaza kukurhanela ukuba uyanxila. UKhanyizire wayikhuza kakhulu loo nto wongeza ngelithi uSiso asimntu waziwa ngenyaniso amaza amaninzi kwaye neziselo ezinxilisayo akazichasanga. Malunga nale yencwadi akazange athethe nto.

Ukusuka apho waya kooKasayi noSakayire engxamile. Ufike behleli entla kwemizi, iidyasi zibekwe bucala. Emva kwencoko engephi uthe, 'Kakade nanicinge ntoni ukuze nise le ntwana inguSiso phaya kuBiggs?' Ubabalisele yonke into ayixelelwe nguBiggs kodwa akayithetha le yencwadi.

2.1.1 Xela ukuba wasebenza phi uLuwanika akuba epase ibanga leshumi. (1)

2.1.2 Kwakutheni ukuze uKhanyizire aziqhelanise noBiggs? (2)

2.1.3 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uBiggs wayengazi ukuba uKhanyizire unolwazi ngobukho bukaSiso kwaBiggs. (2)

2.1.4 Chaza ukuba kwakwenzeka ntoni kule ncwadi kuthiwa idukile. (2)

2.1.5 Xela izinto zibe NTATHU uBiggs awamyalela zona uLuwanika emva kokuba eleqwe ngamadoda angawaziyo. (3)

2.1.6 Xela iindawo abasebenza kuzo aba balinganiswa balandelayo:

(a) UDoyle

(b) USiso (2)

2.1.7 Ngqina ukuba uKhanyizire wayekhalazela ooKasayi ngokuthumela uSiso kwaBiggs. (2)

2.1.8 Xela ukuba uKasayi wayekhe wancedwa ngantoni nguLuwanika kwixa elingaphambili. (2)

2.1.9 Nika igama likadadebo Luwanika. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.1.10 Nika amagama abalinganiswa ABATHATHU abadlala indima ephambili kule noveli. (3)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**

> UNyikita noNcoko bade bachacha, bakwazi nokuhambahamba. UNcoko uphuthunywe lusapho lwakhe. Indlu ilungisiwe kwafakelwa neefestile ezaphukileyo. Babebaninnzi abavelana naye nangona eyakhe indlu ingakhange igadwe kuba kungalindelwanga hlaselo lunokuphinda kuba kakade kusaziwa ukuba eyakhe into yehle ngengozi.
>
> UNyikita uthe akukhululwa, wanqakulwa ngabomthetho baya kumvalela kuba ubesele engumrhanelwa. Phaya kumzi wamapolisa kufuneke ephendule eyona mibuzo itsolileyo. Uqonde apho ukuba indoda kufuneka izikise xa iza kwenza into. Ngeli lixa ebengasasizeleki njengokuya ebengumlwelwe esibhedlele. Akubangakho namehlo maninzi abukeleyo xa amapolisa esenza umsebenzi wawo. Alibangakho ithuba lokumcenga. Ucace apho ke ukuba ukhule engu 'Bafazini.' Ebephatha kudanduluka oku kwenkabi yenkomo exhelwayo, aye amapolisa enganyubuli, efuna kuphume inyaniso.

2.2.1 Bekwenzeke ntoni kuNyikita noNcoko sebechacha nje ngoku? (2)

2.2.2 Kwenzeke ntoni kuNyikita akukhululwa? (2)

2.2.3 Kutheni kusithiwa uNyikita wacaca ukuba ukhule engubafazini? (2)

2.2.4 Xela isityholo awabekwa sona uNyikita. (2)

2.2.5 Xela igama lomntu owahlawula imali yebheyile kaNyikita nemali awayihlawulayo. (2)

2.2.6 Nika zibe MBINI izinto uNyikita awayemsola ngazo uLuwanika kwimeko awayezibona ekuyo. (2)

2.2.7 Chaza indlela awabanjwa ngayo ngamapolisa uSibusiso. (2)

2.2.8 Ingaba babenyanisile abantu ababenyola uSibusiso besithi nguye olahlekisa abantu? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.9 Xela into eyenziwa nguLuwanika kuNyikita emva kokuwiswa kwesigwebo sikaSibusiso. (2)

2.2.10 Sizalana njani noLuwanika isihloko sale noveli esithi, 'Nandiweza'? (2)

**AMANQAKU ECANDELO B: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 40**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UNCWADI**

**IMIGAQO YOKUMAKISHA**

1. Ukuba ukunombola iimpendulo akuhambelani nombuzo, makisha ngokukhokelwa yimemo.

2. Ukuba isiphene sopelo sichaphazela intsingiselo yempendulo efunekayo, oko kuthatyathelwa amanqaku. Ukuba intsingiselo ayichaphazeleki, oko kumakishe njengokuchanekileyo.

3. Ukuba umviwa uphose ukusebenzisa iimpawu zocaphulo xa eyalelwe ukuba makacaphule, **musa ukumohlwaya.**

4. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina ngento/ nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.

5. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ekumele ziqwalaselwe.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: IDRAMA

## UMBUZO 1: *SAKOHLULWA ZIINDUDUMO* – Isaac Tau

1.1 1.1.1 Usekhayeni lakhe√/ukokwabo.√ (1)

1.1.2 Wathi ehambele uNzima emva kokuphuma kwakhe etrongweni wabelana naye ngesondo, wakhulelwa.√√ (2)

1.1.3 Kunjalo, kuba uthi ukukhulelwa kukaNomhi kuziindaba ezimnandi kuba kusisizathu esivakalayo sokuba ahlukane noNzima√√/uthi ingxaki yokwahlukana noNzima isonjululwe xa uNomhi ekhulelwe.√√ (2)

1.1.4 Wathembisa ukuba uza kumamkela umntwana baze bamkhulise njengowabo bobabini.√√ (2)

1.1.5 Wahlebela uBizzah ukuba uyavelana kakhulu noNzima.√
Wamxelela ukuba wabelana noNzima ngesondo.√
Waxelela uBizzah ukuba ukhulelwe umntwana kaNzima.√ (3)

1.1.6 (a) UMate nguMphathikazi wekholeji yaseLovedale.√
(b) UBizzah nguNoposi√/uhambisa iposi.√ (2)

1.1.7 Wamamkela nyani kuba wamkhulisa emthatha njengomntwana wakhe.√√

**OKANYE**

Akazange amamkele nyhani kuba wathi xa axabana noNomhi wathi la mntwana baza kumnikela kooNontlalontle, baziqalele olwabo usapho.√√ (2)

1.1.8 Akazange amlinde uNzima akuba ebanjiwe wathandana noDuke, wabe ngaloo ndlela waphula isibhambathiso sabo.√
Akazange amxelele uDuke phambi kokuba ayokubona uNzima.√
Uthe ngexesha wayeye kubona uNzima walala naye.√
Akazange amxelele kwangoko uNzima ukuba ungejwe nguDuke koko wathi inyewe yabo mabayirhoxise kuba esafuna ukujonga imicimbi yesikolo. √
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.9 Wasichola kufutshane neposi.√ (1)

1.1.10 NguDuke√
NguNzima√
NguNomhi√ (3)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.2 1.2.1 Kwiphephandaba√ (1)

1.2.2 B√/B ayisoze yenzeke esaphila√/ayisoze yenzeke esaphila.√ (1)

1.2.3 Uthi makathathe yonke into ayilahle kwesinomhlwa√√/uthi makalibale ngento yonke enoNomhi phakathi.√√ (2)

1.2.4 Wayesithi unomntu athandana naye√√/wayesithi unguNkosikazi Mabaso ngokwasemthethweni√√/wayembuyisela umsesane wakhe wengeji.√√ (2)

1.2.5 Ibe luncedo ngokuthi yenze ukuba uNzima noVido bayazi indawo ahlala kuyo uNomhi eKapa.√√ (2)

1.2.6 Kungokuba bangabahlobo noNzima.√√ (2)

1.2.7 Ziileta zakhe noNomhi.√
Ziifoto zakhe noNomhi.√ (2)

1.2.8 Wathi akayindawo uNomhi umntwana baza kumposa.√√ (2)

1.2.9 Ndiyavumelana kuba uNomhi utshatwe nguDuke wamkhulisela umntwana kaNzima njengowakhe kodwa ufuna uyokubona uNzima kwaye nomntwana ngoku uthi ngokaNzima√√/kuba utshatwe nguDuke kodwa usagcine isibhambathiso awayesenze noNzima kwaye umisa ngaso xa efuna uyokumbona.√√

**OKANYE**

Andivumelani kuba uNomhi kunyanzelekile ukuba abe nonxibelelwano noNzima kuba nguyena tata womntwana wakhe kwaye babenze isibhambathiso√√/kuba uDuke wayemtshate emazi uNomhi ukuba uthanda uNzima.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.2.10 Wangena ngokuqhekeza ucango.√√ (2)

1.2.11 Sizalana ngokuba singamazwi awathethwa nguNzima noNomhi kwisibhambathiso sabo.√√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 40**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: INOVELI

### UMBUZO 2: *NANDIWEZA* – Mbulelo Nzo

2.1 2.1.1 Kwihotele kaBiggs.√ (1)

2.1.2 Kungokuba wayefuna ulwazi malunga noLuwanika.√√ (2)

2.1.3 Kunjalo kuba wamxelela konke uKhanyizire ngokunganyaniseki kukaSiso.√√ (2)

2.1.4 Yabiwa nguSiso wayiqhaqha wayifunda, wayigcina ngeenjongo zokuyisa kooNyikita nooKanyizire.√√ (2)

2.1.5 Wathi makangalithathi ikhefu de izinto zentlalo yakhe zilunge.√
Wathi makangahambi yedwa ebusuku.√
Wathi makangaxeleli mntu ngesityholo abekwa sona sokudlisa intombi yenkosi.√
Wathi makabikele amapolisa ngezisongelo ezenziwe ngabantu ngaye.√
[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)

2.1.6 (a) UDoyle- KwaNdabazabantu eMlazi.√

(b) USiso-Kwihotele kaBiggs.√ (2)

2.1.7 Kunjalo, kuba wababuza ukuba babecinge ntoni ze bathumele yena kwaBiggs.√√ (2)

2.1.8 Wamnqomela inkomo yokufuya.√√ (2)

2.1.9 NguNora.√ (1)

2.1.10 NguLuwanika.√
NguKhanyizire.√
NguNyikita
NguNkosi uMwera.√
[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)

**KUNYE**

2.2 2.2.1 Bahlaselwa ngamadoda awayeye kuhlasela kwaLuwanika.√√ (2)

2.2.2 Wathathwa ngamapolisa aya kumncina.√√ (2)

2.2.3 Wayebhomboloza ekhala akubethwa ngamapolisa.√√ (2)

2.2.4 Sesokusebenzisana nezihange ezazifuna ukubulala uLuwanika.√√ (2)

2.2.5 NguKhanyizire.√
Wahlawula amakhulu amane eerandi.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.2.6 Wayemsola ngokudlisa intombi awayeza kuyitshata.√
Wayesithi weba iinkomo zakhe.√ (2)

2.2.7 Amapolisa aseMalawi ayalela awaseDurban ukuba amgade kuba wayebalekele apho, ambona ambamba esafika.√√ (2)

2.2.8 Babenyanisile kuba nguye uSibusiso owasasaza, wahlohla abantu ubuxoki ngoLuwanika kuba eqhuba iyelenqe labo nooKhanyizire.√√ (2)

2.2.9 Waya kuNyikita wayokumbulisa wazama ukumthethisa embuza impilo.√√ (2)

2.2.10 Sizalana ngokuba uLuwanika ubekelwe izabatha neengxingongo ezithe endaweni yokumwisa zasuka zamana zimwezela empumelelweni.√√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO B: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 40**